IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE. (NATIVE OPINION) LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, MARCH 30,1885. [No. 22.

ICAM ELIKULU! ICAM ELIKULU !

Ngeli-xesha lokutengisa uboya.

C. FENNELL & CO.,

ABAYITENGISELA UKUBA IPELE TU IMPAHLA YE VENKILE YABO.

BAZIMISELE ukuyitengisa yonke impahla esaseleyo, yengubo zamadoda neza- mankazana.

Njengokuba kuzakutengiswa u boya nje bayakuyitengisa ngamaxabiso ade agqitisa ngobupantsi.

APO BAKONA KUSE MACLEAN STREET,

E-QONCE.

JOHN J. IRVINE & CO,

Abatenga impahla kwamanye amazwe, Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo - njalo.

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- nto esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.

Malungana nelifa elishiywe linge nzelwanga myolelo lika WILLIAM SNODGRASS, wase Lucwecweni e-Batenjini.

Lo ngama kuqukunjelwe ngalo ngapantsi apa emiselwe ukuba abe *Ngoye Oneso kulomzi* ushiywe ngulo ogama lingasentla apa, uyabacelake, ukuba bati bonke abanamatyala abo angahlaulwanga kulomzi bawasingise kuyo. Ze bati bonke abanamatyala abamelwe kukuwahlaula bati ngapandle kokuzilazila bawakupe bayisingise intlaulo kwakuye, kuba hleze bade basondelwe ngokwasemtetweni.

LAWRENCE C. GEORGE, Ogciniswe Lornzi. E-Lucwecweni, e-Batenjini, March 12th, 1885.

Ololiwe baka Rulumeni.—Isebe lase Mpuma-langa.

IHOLIDE ZE EASTER, 1885.

EZITIKITI ahamba abuyelele ngazo umntu eziyakunikwa NGOLWESI-TATU, 1 APRIL, nentsuku ezilandelayo, de kube NGOLWESI-BINI, 7 APRIL, ziyakuba zisalungile ukuba umntu abuye ngazo, dekube NGOLWESI-BINI, 14 APRIL.

ITIKITI ZOKUYA ABUYE ENDAWENI UMNTU ziyakumkwa kuzo zonke Izitishi ukuya na kusipini, NGEXABISO ELI LIBIZWA NGEHAMBO YOKUYA KULONDA-WO KUPELA NGOLWESI-NE, APRIL 2, NOLWESI HLANU APRIL 3, NOMGQI-BELO, APRIL 4, no MVULO APRIL 6, angabuya ngazo otandayo kwintsuku ezinganeno KOLWESI-BINI APRIL 7.

NGOLWESI-NE, APRIL 2, yonduluka i Trent e Monti ngo 6 ngokuhlwa isinga e Qonce nase Komani, ihambe inqumama kwizitishi zonke ngelixesha imangalo xa sazeke ihamba kakade i Treni yangokuhlwa.

YONDULUKA I TRENI e Qonce ngo 7-50 ngokuhlwa isinga e Monti ifike kona ngo 10-50 kwangokuhlwa.

we Cawa ngapandle kokuba ke, yona i Treni esuka e Monti ng > 6 ngokuhlwa eya e Qonce nase Komani iyakuhamba.

Nge EASTER MONDAY, April 6, kuko i Treni eyakunduluka e Komani ngo 7-10 ngo-kuhlwa isinga e Qonce nase Monti, ihambe inqumama kuzo zonke izitishi ; ihamba ngama-xesha ehamba ngawo kakade i Treni yangokuhlwa.

Abantu bakwa loliwe abasakutwala, bengasakubuta, bengasakutumela mpahla iza *ngo-*mhla we GOOD FRIDAY ne EASTER MONDAY.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

E-Monti, March, 1885.

IZISULU I IZISULU !

J. no C. REDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsi-nyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla. Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

D. THOMAS,

Ibaki Umenzi nomtengisi wento Ezimnandi,

E- BANK STREET,

E-QONCE.

Uvulele aba ntsundu indlu eyodwa yezixaso kumnyango olunge nowalandlu yake indala. Izixaso kusoloko zilungile amaxesha onke. Kuko nendlu eyodwa eyokutyela yona. Izonka Zomtshato zenziwa kwanguye.

ISAZISO ESONA.

Kutengiswa ngoku ngama-nani apantsi natotyiweyo—

Into eninzi kunene yencawa ezifanele abantu basesikolweni, kwanezimigca ngaminye nangamibini ezilungele amagaba.

Kusand' ukufika kananjalo impahla yetu entsha evela e Amelika amakuba ama-shumi asixenxe anantlanu awona ohlobo aye enokufunyanwa ngamanani abulula bungazanga babako.

Kufike nesukila emhlope nebomvu evela e Natala amanani azo atotywa nangapezu kokwalenyanga ifileyo.

Kufike namakulu o-mabini etauli ezidla i dobilityi zone nehalafu inye, oko kukuti zintatu ngesheleni.

Intlobontlobo zengubo za-madoda nezamakwenkwe.

W. O. CARTER & CO.,

Maclean Square,

E-QONCE.

Kanipe Amehlo!

EMTWAKU ngo February ndilahlekelwe J ngama hashe am amabini : Inkatyana ebomvana enebalana elingwevaua mayela emva komkono inesilonda emhlana. Itokazi eligwangqakazi elitshoba limnyama. Oma-bini akumiminyaka emitatu ubudula.

WALTER KOBE NTSIKANA.

Maci's Kraal, St. Matthew's,

27th Feb., 1885.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinya pantsi ese~ sitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,* E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma-calana onke e-Koloni.

KANIPE UMKONDO.

BONISANI umfana kusoloko wemnka apa ngo kubanjwa waya Emonti ngo January 1883. Igama lake ngu Sanisi elinye ngu John Nkomo ; u yise ngu Jacob, ibala lake umnyama ; lirwanqa mfutsham. Umntu osilandise umkondo wovuzwa ngo kwaneleyo.

ISAAC A. MOTAUNG

Zuurfontein. Tarkastad,

March 6, 1885.

M. L. GERRARD,

Umteteleli kwi Ofisi yema-ntyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. minqopiso yokwananwa kwemihlaba uyayifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abana-kuwahlaula amatyala abo ngokubala amapepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematyaleni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwanezinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izikweliti, ayinika uminiyo imali kwa oko Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

IMVO ZABANTSUNDU(NATIVE OPINION)

Iveki.

KWIBALA lezaziso umpatiswa wololiwe ubi- ka ukukutshwa kwetikiti ezitshipu kunene ngelixa le Easter Holidays.

IBANDLA Labaguquli be Bible yama Xosa lenze umsebenzi walo okwelixesha ngolwa 20 ku March. Incwadi ezibuye zapengulu- lwa zezokuqala zombini zika Moses, nesiqe- ndu seyesitatu.

NgoLWESl-Bini Iweveki edluleyo e-Bur- IKABA elintsundu lase Bayi likutshwe·kakubi ngamagwangqa, kumdlalo webola obu. ngo Mgqibelo 21 March.

NGAPAYA kwe Gqili e Fauresmith kuko umlungu obetwele umtwalo ngenqwelo zake epuma nawo e-Colesberg. Kute ngenxa yo- kubitva kwempahla suka kakalala kwafa isi- pani sipela, kwabonakala ukuba makasele- ncamela ukuke ayishiye endle apo enye inqwelo, atuntubeze nganye.

ICEBO]o Rulumente wa Pesheya lelokuba azondelele ukude ayoyise impela *i-Mahdi,* ku- ti e-Khartoum kumiswe imikosi yama Ngesi.

ELASE Dayimani liti ngoku abantsundu ko- na bavuse isiko elitsha lokwenza utywala nge tolofiya, intoke leyo abati inxilisa imbali.

NGOLWESI-Bini lwedluleyo iveki e-Burgher- sdorp, umlungu otile wanyatelwa nguloliwe wavuywa umlenze, ote noko sewude wanqu- nyulwa ngamagqira kanti akayi kupila noko.

INDODANA eselula abati ngu Sam Baum e- Dayimani imnke nalomlambo bati yi Vaal, elisebe le Gqili. Londodana ibe isinga ne

IMFAZWE yase Yeputa kokona iya itata amandla amatsha ngakumbi, imikosi ekutiwa inayo *i-Mahdi* ayingangani ukuba mini-

E-LUSUTU kuvakala ukuba u-Letsiya uhla- nganise umkosi omkulu kunene ukuya ku- lamla idabi elipakati konyana baka Masumpa, nokuya kuxelela ixego elo u-Masumpa ukuba maliyikupe irafu yezindlu.

UMHLA wokuvulwa kuka loliwe oya e-Bur- ghersdorp yaba ngumhla omkulu kuloaca- la. Kutiwa ululiwe waye honjiswe ngama- gqabi aluhlaza.

KWELICALA langaneno apa, kususela emva kwezimvula beziko ilizwe yinto entle eluhla- za, esuka ikumbuze ngemihla umhlaba wa. kowetu obnsenguwo ulungile.

ABAVELA ngapesheya kwe Nciha baxela kwa indlala ekubonakala ukuba iwuzalisile wonke umhlaba.

ISANDLA semantyi yalapa u-Mr. Huntly, ngenye imini wanika isigwebo senyanga ezimbini lisebenza nzima, kwigxaxa elalimi- ewe pambi kwake ngetyala lokuba lifumana libadulanje ngapandle kumsebenzi.

INANI elipezulu ngehabile apo livakala kona kuse Alvani, apo ihamba kwi 10/ kude kuye kwi 11/ ngekulu.

TSITOLA sika Mr. Green wase Alvani sisa. nd'ukoqekezwa. Amasela lawo emnke ne-

KWAKULEVEKI idluleyo enye indoda ngase Tinara yati selekufupi pofu ululiwe yafuna ukuka izive umtsi ngokungxamela nkunqu- mla indlela pambi kwake, koko ite kanti ayi- senawo ongako yasilelelwa. Nokoke isindile kuba ikutshelwe ngapandle kwendlela yi- mpumlo.

ELASE Nyara libika ukuhla kwamanani ezinto emarkeni kona ngeveki edluleyo. Iha- bile itengiswe nge 15/ ngekulu lezitungu, nebotolo ebike yanexabiso elikulu liti ngoku ihlile.

NGOLWESi-Ne apa kwa Buluneli esikolwe- ni kuya kubako i-Ti-miti, eyenzelwa ukuba kube nokufunyanwa nkozwana lokufunela umfundisi wabo osatyelela pesheya, umpako.

KUNCONYWA ukuba baninzi kwababanjwa e- Katikati, kuba kaloku kuvuswe ne patuloni yokufuna abahleli ngapandle komsebenzi.

KAVA Nozidwaba ngenxa yokusweleka kwamatyala okutetwa kuqqitywe kwelokuba

UMBONISO wezilimo wakwa Komani kuti- wa ube kapukapu kanye, ngenxa yokuba aku- bangako nto yona ingabukekayo kanye kwi-

U-MBORA um-Xosa obepambi kwe Jaji e- Komani ngetyala lokubeta otnnye kakubi unikwe inyanga zontatu esebenza nzima, umhlaumbi akupe (£10) ishumi leponti.

IFAMA ngase Monti abati ngu Mr. Lloyd, livune isivuno sengxowa ezimashumi mahla- nu, siqamo sangxowa nye eso, Olohlobo lwengqolowa bati lolwase Natal.

Uti obalele kwelase Monti izidumbu zabafi. leyo kona azisangewatywa.

E-SOMERSET kutiwa imiti ye apile neminye yololuhlobo iseyite qoro ngokutyatya mba.

AMAPOLISA akwisiqingata sakwa Komani pantsi kuka Lieut Bailey, enza umsebenzi oncomekayo. Nakuba lusate bembe ulubo asasebenza ukulanda impahla eyabiwa mzu- zu, eselite inkoliso ayifumana kubantu nga- bantu e-Xonxa nase Sidutyini.

KWA Qoboqobo kuko ifama elimhlope ela- ti ngokuva kuqorwa ngobusuku entsimini

AMAPEPA ama Bulu ngeziveki zidluleyo azele zingxelo zendoda ati ihamba ipilisa abafayo ngemitandazo, nokoke elogqira lo- mtandazo lisate loyiswa zezabantwana izi- kuhlane kuba bona bengekangeni ekwenzeni inkohliso. Itsho *i-Cape Argus.*

E-MATATIYELK kusand' ukwenzeka ingozi embi kunene. Umfazi wefama kwelo abati ngu Fouchee kunye nomntwana bafa ngaxa nye ngokubukuqa kwenqwelo abababehamba ngayo.

IQELA lamadoda aweba izikumba kwesinye isitola apa e-Qonce, lafumaneka ngokusuka

INTO eninzi yamafama ngelicala ingcungu- zela ukufudukela e-Kokstad, apo ngati ku- seko inyele ngecala lasempahleni. Inxenye selimnkile. Itsho *i.East London Dispatch.*

NJENGOKO kobonakala komnye umhlati u- Mr. W. B. Rubusana ungeniswe ebufundisini ngolwesi-Tatu 25 March.

INDODA entsundu yase Tyume ete igama layo ngu Bantman, ebesiyikankanye kweli- dlulileyo ukuba ifunyenwe e-Bayi inengqa- kaqa, iqauke ngolwesi-Ne olupambi kolu Iwa- leveki idluleyo.

U-MR. WILLIAM HAY obengumhleli wendaba zelinye lamapepa alapa e-Qonce, i. *Cape Mercury,* uzakubehle asinge kwelama Ngesi aye kuhlala kwelo.

INANI elikulu lama Mfengu ase Ngqushwa lisand' ukugqita e-Rini lisiya kusebenza kwaloliwe e-Dayimani. *1-Journal* iva uku- ba kuya kwamnkelwa kulama Mfengu ase Ngqushwa atuakulu asibozo.

ABANTU abamnyama base Natal ngase Mvoti abalindele isivuno esikulu sombona, itenjena abanalo lisemazimbeni. Konke kungenxa yokufika kwemvula ixesha seli- gqitile.

U-MR. POLKINGHORNE, ongumpatiswa-mali zakwa Rulumeni e-Natal unduluka ngo 10 April esinga e-Ngilane ukuya kupumla ixe- shana.

KUVAKALA ukuba u-Judge Buchanan wase Rini nenkosikazi yake basazake batyelele pesheya kwelama Ngesi, ngenxa yokungabi nampilo intle kwejaji leyo.

INKWENKWE yo Mxosa ebudala bukwimi- nyaka eli 14 ilindiselwe i-Jaji e-Rini, ngoku- suka ibeke amatye kwezintsimbi ahamba pe- zu kwazo uloliwe. Kutiwa lamatye makulu

PESHEYA kugqitywe kwelokuba kundulu- Iwe amasoldati aku 50,000 ukuba aye kutinta ukungena kwama Rashiya e-Afghanistan.

INTLANGANISO yama Bulu ekutiwa yi Bond iqalwe ngo Mvulo, 23 March, e Bofolo ngo " Hip, Hip, Hure ! " katatu esenzelwa Inkosazana.

NGALE veki idluleyo ingxowa yomgubo e Alvani ibihamba kwiponti enesixenxe esine

U-REV. WILLIAM HAY, M.A., B.D., umise- Iwe ebufundisini bebandla lase Rabe lama Ngesi e- Alvani nge Cawa (22 March). Aba- fundisi abebeko ekubekweni kwezandla ngo Rev. Peter Davidson, (wase Kobonqaba) Rev. John Dewar, M.A., (wase Skapu), Rev. John Stirling (wase Mgwali), no Rev. A. J. Pienaar (wama Bulu ose Alvani), no Rev. J. Smith (wase Wesile) apo e-Alvani. Isiyulo senziwe ngu Rev. P. Davidson kumazwi aku Nehemiya,ii, 20.

KUTIWA imali abati baya kuyibiza o Firbank & Co., ekumbeni u-Loliwe osuka e-Gqili osinga e- Dayimani iyakuba zi £245,000.

KUBIKWA ukububa kuka Mr. Emil Zar- nikow obesakuba ngumnini Hotele apa yase Rini kutiwa yeka loliwe.

AMA Jelimeni, into zizalana, awayebanjwe ngo Mgqibelo opambi kwalo udluleyo, ngokulwa edolopini, ehlanganyele i-Bulu, adliwe i-10/ lilinye.

U-BUSHMAN indoda entsundu eyabanjwa e- Zeleni ngu Mr. Tessendorf ivuna intsimi yake yombona ngobusuku, unikwe inyanga entolongweni esebenza nzima.

Holland elasinda emacebeshwini, ngokuti xa inqwelo yalo yayiza kupumela emtantatweni otile ku Nontongwana lime ngeliuye icala ukutintela ukuba inkabi zingayami kakulu, kantike iyakuti enye yazo ekudluleni izipose kuye ipela itsho aye elokohlo, asinde ngoku-

BATI osiyazi namhlanje ngo Mrulo ukumnka komhla kude kube ngokuhlwa, isitunzi

KUYA kuvakala ngakumbi nangakumbi indaba ezibabaza intswela-mpilo ko Tshalisi ka

UMONGAMELI omkulu we Standard Bank u-R. Stewart, ohlala e-London, kuvakala ukuba

LENDODA iyeyona ingcatshe u.General Gordon kwi Mahdi, kutiwa yeyona ndoda

KUTIWA i.Bishop za Pesheya ebezicelwe yi Rameute yase Natal ukuba zinyule u-Bishop wokutabata indawo yomfi u-Bishop Colenso

I-BISHOP yase Maritzburg u Right Rev. W. Kenneth Macrorie ubekangelwe ukuba usuke e-England ukuza kwase Natal ngo 26 March.

AMAPEPA ase Natal abika ukububa kuka Mr. Herbert J. Nunn, Etshowe. U-Mr. Nunn ubeke wavakala kakulu kwimicimbi yakwa Zulu.

U-ABRAHAM MOLETSANE inkosi ya Bataung, engum-Rolong, e-Lusutu. ite ebudaleni bayo yamisa unyana wayo u-Mokhele ukuze atabate indawo yake akuba efile.

KUQALA ngomso omnye, 1 April incwadi ezisuka apa e-Koloni eziya e-Transvaal ziyakuhamba ngepeni ezimbini.

IMARKE yase Bloemfontein kwelama Bulu iziswele ezinto ezitengwayo. Ngo 18 March, into zase markeni bezinje—Uboya—3d. ne 4d. ngeponti, umgubo 37/6, osefiweyo 40/, ihabile 6d. ne 7d. ngesitungu, itapile 20/- ngengxowa, umgugu 10/ ngengxowa.

I-PALAMENTE iyakuqala ukuhlala ngo 15 May 1885.

IGOSA lomda opakati kwama Bulu na Be- sutu elise Ladybrand libike ku Rulumeni walo ukuba ngo 10 March umkosi wa Besutu watimba inkomo zabantu kufupi nalomda. Baqube amahashe amabini, inkomo ezintla- nu, ibokwe ezilishumi linantlanu.

SIVA ukuba awagqitile kumashumi ama- hlanu ama Bulu akwa Zulu.

KUTIWA ama Bulu ase Transvaal ayaqala ahluka kubini. Sekuko akolwa ngu Kruger, nakolwa ngu Joubert.

U-MR. T. W. GARLAND, M.E.C., M.L.C , umiselwe ukuba abambele imantyi yase Na- nda e-Natal ngelixa yona ifumene ixa loku. pumla.

IMVULA zine kanobom kwelase Dayimani.

INGQAKAQA ibikwa e-Van Staaden kuma- ndla wase Tinara. Sekuko abafileyo apo.

MBANGI yotyelelo Iuka Captain O'Connor, imantyi yase Mzimkulu, ema Mpondweni kukuya kuqondisisa ngomteto

"INTSAPO " KA RULUMENI. KUSOLOKO kuman' ukutiwa abantsundu aba ngabantwana, emabapatweke ngokwabantwana. Asiyicasile tina indawo leyo, okokuba kodwa akutetwa kuba bakupela kwabantwana abakoyo apa ezweni; nokokuba eyona ndlela banokululekwa ngayo kupela kukululekwa ngoswazi ngesabokwe nangompu. Xa umntu lo ati "Lento ngumntwana wam" kwayenangokutsho kwake oko uvakalisa imfanelo amakazifeze ukumnqaka amkulisele ebudodeni lomntwana. Xake isizwe, ngomlomo wabamiswa baso, sivakalisa ukuba ontsundu ungumntwana, siqinisa ukubonisa ngokusemhlotsheni imfanelo zaso, ezizezo- kuba sizame ngazo zonke indlela ukuba simfikise ebudodeni. Ukutsho oko akungakuba asiyiboni imigudukazi emikulu eyenziwayo, nenendleko, ukufundisa ontsundu kumasebe asezantsi, kwanapezulu emfundo, sikolwa kananjalo ukuba mkulu wave usaya kuba mkulu umsebenzi owenziwa zizikula zemfundo.

Kodwake sifumana ukuba kuseko nto itile ifuneka ngokungapezulu. Abantu abantsundu belilizwe yayifudula ingabafuyi bempahla. ekuteke ukususela kwimihla ka Nongqause yaba ngabalimi bomhlaba kaloku, ekubeni njeke bebelima umbona. Emva koko kungenwe kwalinywa omatanga, kwati kuyo leminyaka kwayakutsha nje kwangenwa kwali- nywa ozintlumayo, ozimbotyi, ozita- pile, nozingqolowa.. Abemi be Koloni abangama Ngesi—amadoda ke lawo wona—sibona okokuba avuselela u- Rulumente embonisa imfanelo yokuba kumiswe isebe lokufundisa ukulima, eliyakubafundisa ngokuba ngabalimi. Kubeke pina- ke ukubafanela aba ntsundu ukuba benze isicelo esinjalo ? Ama Xosa ngabafo abatanda inkomo zabo, aba- fazi babo zintokazi ongafika zonwa- bile emasimini azo ; kantike umfuyi lowo akukonto ayaziyo ngeyona ndlela iyintloko yokuba atinina ukuyipata lomfuyo ; baye nabaziyo kukuncinane abakwaziyo bangebekwenza ukuze acuine ngapezulu amasimi abo lawo. Asiyiboni indlela yokuba u-Rulumente ongumzali angabi nazwi, kubantwana bake aba ntsundu, lokuti into ezitile *nimelwe* kukuzenza. Kwiminyaka etile edlu- leyo ifama le Ngesi elikutele kune- ne laya kwaba ntsundu ababemelene nalo lisiti Ukuba onke amadoda alomzi aya kuwenza umsebenzi, ndiya kunalatisa indawo eningati nimbile kuqambuke amanzi eningancencesha nanele ngawo, kodwake umsebenzi wokunalatisa andiyi kunibiza luto ngawo.' Ubanike, nakuba ifama elo lalingenalungelo lisekeleze lona okwesalo isiqu, abantu bati "Hayi," kwada kwayiminyaka ke bekwintlalo yobuze, kwati mva nje bangena kweyobungqiba. Kwinto ezinjengezike, ngani u-Rulumente *angabenzi* abantu bawenze umsebenzi woluhlobo ? Ngani ukuba kungenziwa amapitsi, ivulelwe imi- tombo. kumbiwe amadam, kwenji- wenjalo kuzo zonke izixeko zaba- ntsundu ; lomsebenzi bezenzela ngo- kwabo? Isisalelo sini esingabakoyo ekubeni abantsundu bafundiswe ezo- na ndlela zizizo zokulima umbona namazimba, nezokulima ezinye imbewu, nokuba ati umntu ukuze awunikwe umhlaba abe uya kuw'u- sebenza ngenyameko ? Asiboni sa- lelo singaba nokwenziwe; nakuba inxenye yolusapo luntsundu lunge- vumiyo ukusebenza. Kungafuneka ke inxenye yamasiko amadala ilahliwe. Ati amasimi endaweni yokutyandela sa agqib' izwe, anxulu- nyiswe, kungabiko lubuqiso, umhla- umbi zinge ziyapungulwa impahla; kodwake elikulu abantu bangahle babuye balibone ilungelo lako oku, lilungelwe nelizwe.

Kwangokunjaloke ngasempahleni. Abantu bangati befundiswe ngentlobontlobo zezifo, balatiswe namayeza ezonto; balatiswe kana- njalo nangezona ntlobo zilungileyo zenkomo negusha, baxelelwe ngembangi kwaneyeza lokwekwe, kwanangolwalamano kwingca ekula ematambekeni, nexabiso elinikwa ngoboya e-London.

Akungakuba sinqwenela ngxaka- ngxaka yaluto. Ilinga elinje lingenziwa kwisiqingata nokuba sinye ; kufunwa ngenani elilingeneyo indoda eqelene nomsebenzi nenovelwano nabantsundu, angatike, xa ate waxaswa kwa Rulumente, siyakolwa ukuba abantsundu abakwezinye indawo bangahla bacele nabo uncedo lwabafundisi bolohlobo.

Amanqaku.

UKUDUTYUI.WA kwabantsundu ngapandle kwesizatu umhlaumbi ngesizatwana esingepi. kukolis' ukuman' ukwenziwa kutshanje, waye umteto ungabonakali kuvakaliswa ngokokuba wenze umzekelo ngaba bantu. Kodwa siyavuya ukusibona isishichelo se Koloni.—Isishicilelo esisoloko sibaze amehlo—sisalatisa ingca- mango zoluntu ngendawo ebite kutshanje yazikataza kunene intliziyo zamakowetu. I-Cape Mercury izitabatele inkatazo yokupicota indawo yomfo ontsundu owadutyulwa ngumfana we Bulu e Bur- ghersdorp, ate u- Rulumente ngokoyikiswa luluvo Iwama Bulu akona abengafuni ukuba enziwe luto uwabo lowo wase lesuka lonto eyinikela emantyini ete yona yamkulula ngokundla imali. *I-Cane Argus* yenjenje elayo ngenye into ekwa- yeyolohlobo:—

" Akutandeki ukusingisa utete ngenani elikulu kunene elibonakele kumapepa alapa e-Koloni kwezinyangana zimbalwa zidlulileyo, apo ate amafama, ngokukodwa akwezi ziqingata zingase mpumalanga, amana ukuba namatyala okudubula abantsundu Ezindawo akukafuti eziti zixoxwe ngokunzulu. Kuti ukuqala ukuvakala kwendaba kutiwe uye wazinikela ngokwake umntu lowo mhlaumbi kukutshwe yimantyi ipepa lokuba abanjwe, izeke lime ityala kuba lilindele ijaji. Emva koko O ! Igqweta isiqu sake kufuneke edubule, nokudubula adubule umntu ongenampu yena ontsundu."

KUSAND' ukutetwa kule jaji e-Monti, ityala elidliwe ama £30 ,'eponti) ngalo ifama elo ebelidubule um-Xosa lifun' ukumenzakalisa, kuba imbumbulu ingene etangeni endodeni leyo. Ifama lizilandulele ngokuti, um-Xosi limdubule kuba ebengena pasi; latike nokudubula oko belimoyikisa njekodwa. Umpu lowo ubewungxashe imbumbulu, kodwa isi- tuba besisikulu pakatikwabo—ibe iziyadi ezipakati kwe 1,000 no 1,200. Ngesimilo ifama elo pofu ngumfo onobubele; kodwa ke okokuba ebomoyikisa, ibe iyinina angayikupeli emoyeni imbumbulu leyo?

UDLIWO abadliwe ngalo abantsundu e- Bayi ngamagwangqa akona ibe ' lolu- mdaka' kanye. Siyakolwa okokuba ezo club zohla zibuye ziqubisane, lushiyeke lumi endaweni yalo kanjako uzuko Lwa- badlali-bola abantsundu. Bati abadliwa abo kambe ukuzikusela bonabebebize Iqe- la Lesibini lalo club iyi Port Elizabeth ingelilo elokuqala, koko kute ekumanzali- sweni kwabo bakuba sebesemhlaba ba- bona sebejongene neqela Lokuqala, elaze- kayo ukuba lilelokuqala kuyo yonke i- Koloni kuba lazikupa tya zonke ezinye i club ngemidlalo eyayise Bayi ngexa lemidlalo yeholide. Bate besate mandla babona ukuba zizo ezinkunzi, ba- ngenelwa yintaka. Iqela le Port Eliza- beth Club lingene kuqala lapuma ne 180, bate bayaya kungena aba ntsundu baye bebona ukuba lile elinani. Batiwe qwaka qwakake ngamangeno okuqala ba- puma ne 13 ! Ngawesibini amangeno abo lipele ixesha besahlanganise i-11. Siva okokuba ukutunyelwa kweqela Lokuqala e-Bayi ukuya kudlala nabantsundu, *ku-* bangelwe nakukuba ebete ama Xosa apa alikupa ibuto le Albert Club.

SICELWA ngu Mr. Gontshi ukuba simva- kalisele lendawo :

Ngendawo yetyala lika Maqashelo no Nolentyi —lokubulala, elibe lipambi kwa- le jaji, yalenyanga e-Qonce, elibuye labu- yiselwa emva lamiselwa ijaji ezayo. Ndi- funa ukwazisa ngoku ukuba mna gqweta lake ndiqutyulwe zimantyi zalapa ngelo- tyala ndite ndisalindele mna isamana ye- tyala ukuba yotunyelwa ngexesha kuba- banjwa ndaziswe nam gqweta labo, nje- ngesiko, suke bamtumela umbanjwa nje ngapandle kokundazisa. Ndiyotuka se- ndilibona ityala emapepeni. Yiyoke le- nto ibange ukuba ndingabiko e-Qonce e-.Jajini, nento ebange ukuba umbanjwa axele ngam ngokungabiko. Xa ndazisi- weyo ngexesha umsebenzi wam ndimele ukuwugcina.

A. GONTSHI.

Aloeville, Kentani,
March 18, 1885.

Ibala le Cricket.

AMANGESI NABANTSUNDU.

Umdlalo webola pakati kwabelungu nabantsundu owawuse Cradock's Town, abadliwa kabini abelungu yi Fear Not C. O.; uvuse itemba kwabantsundu uku- ba kekulingwe inkunzi yase Africa—i- Port Elizabeth C. C. eyak'upa indlali ze- ndawo zonke nge *tournament.* Umfana ka Makwena ongadendiyo utumele ipepa kwi Secretary ye Port Elizabeth C. C. ebuza ukuba i-Second Eleven yalo Club ingadlalana nabantsundu— bavumele pe- zulu—bemisa umhla we 21st March. Ku- nyulwe abadlali basi 7 kwi Ethiopian C. C. baba 4 kwi Fear Not C. C., kwavunye- Iwana ukuba i-Captain ibe ngu Makwena. Ate akubonakala amagama *(s- Team* yama Ngesi safika engawe First Eleven inko- liso—ematatu kupela awe Second Eleven ekwakunxwalwe yona. Lite noko ikaba lazomeleza ngokuti "amanzi aviwa ngo- dondolo." Lafunza. Umdlalo uqale ngo 2 o'clock p.m. emhlabeni we P. E. C. C. Iqashiso liwe ekubeni kungene ama Ngesi, atumela u-Smith no Godlonton bafu- nzwa ngo Ross no Foley. Liqale labu- pitizela ikaba elintsundu—zane i byes nge " over " yokuqala. kute ngebola yo- kuqala kwi "over" yesitatu waziwisa u-Foley intonga zika Godionton enze 2 i score sikwi 8. Kungeno u-P. Heugh wati esaqala wayitumela ngokwe mbu- mbulu ku "Long off" (Xiniwe). Petu inkewu yayinika isitende yema nayo ibola ebiya kuma ngotango. Nge half past 2 ziwile ezika Smith ngu-Ross, enze 7 sabe i score sikuma 20. kungene u'-Ogden —yatatyatwa ngu Swaartbooy ibola ku Foley. Sinyukile i score sava kuma 40. Kwangena u-Makwena ekuboleni epu- rnzab u-Ross. Nge "over" yesitatu zibe rara ema Ngesini ibola zika Swaartbooy wawamisa ukuba angenzi runs. Ngeve- sine, aqalile adlala ngazo kwaba kubi— u-Pezisa ku "point" wabutyuza kakubi exakwe zihlangu wada wazihluba wabeta ngokausi. Sibone i score sesiku 60, kanti kusafe amadoda amabini ngo 3-10 o'clock itatwe ngu Pezisa ibola ku Makwena xa siku 70 i score. Sakuwakangela amadoda sipume no Makwena no Xiniwe no Ma- bopenge *Fielding.* Ibola ibuyele kwa- ku Ross xa sihambela ku 90 i score. A- nxaniwe amadoda axela igusha ukuya kusela amanzi —ate ebuya wayitumela ' ngapaya kotango u-Heugh, kanti uyaqqi- bela, wafa ne 47 (3:30 p.m.) xa siyi 94 i- score, kungene u-Stevens. Zite zitika izandla zentsimbi ukuya ku 4 gingci la- pela i 100. Upumile u-Pezisa kwabola u- Christian xa sikwi 1301 score. Zadlaku- Stevens wemnka ne 19 yake. Ubonile umfo ka Christian ukuba zi *slow balls ezi-* nefa—wema kuzo—emva ko Stevens ku- ngene u-Giesen—zawa ezika Ogden kwa- ngu Christian wemnka ene 48, i score si- kwi 157. Yangena incibi eyabizwa peshe- ya ukuba ize kufundisa i-Bayi u- Webster watatwa ngu Pezisa nge "over" yokuqa- la enze 5, u-Renny-Tailyour wabanjwa yi- nto ka Mnxilo u-Klass engenzanga nto Kungene u-Rowbotham, kwafa u-Giesen ngokuma pambi kwemiti esoyika i *slow bills* zika Christian—wafa ne 5. Kunge- ne u-Vreede, wawiswa ngu Pezisa enze 2. Kwalandela u-Wilmot, wabanjwa ngu Foley u-Rowbotham enze 5. Apela ka- nye ngo 5 p.m. etabate iyure ezintatu enze 180. Ipumle uniniti ezili 10 imidaka yatumela u-Mdana no Klaas ukuba balwe nebola zika Godlonton no Ogden. Site sakubona ibola zokuqala zika"Ogden sa- bona ukuba yimfa. Zibola ezibu *slow* singaqele kububona, zine *pitch* exakayo, uzibeta uyabanjwa. uzidlala *backward*— nanku u-Giesen pambi kwako oza kuyiba- mba ipuma ebatini, uzikaulele wapuma emhlabeni wako yenye ingozi leyo. Nge "over" yesibini wafa u-Mdana engenza- nga nto. Kungene u-Xiniwe, esafika

wabanjwa u-Klaas ngu Rowbotham, kwangena u-Swaartbooy, wabanjwa ngu Webster ngebola yesibini. Kungene uPezisa xa kukubi, ingamancu-ncu-ncu kubaboneli abantsundu abazalise inte-ndelezo ngamacala onke, ngokubona kungena indoda yesihlanu i score siyi 2. Zawa ku Pezisa engenzanga nto, kungene u-Ross—site sisaginya amate wabanjwa engenzanga nto, kungene u-Christian, sati kuza kulunga, kuba u-Xiniwe ngati ufuna ukuziqela ezi *slow balls* na-kuba ekatazana no Giesen opikele ukuti akuti "draw" angxamele ukuza kuyibamba ibola kuyo kanye i "Block-hole" zawa ku Xiniwe enze 3. Kungene u-Captain Makwena, wangena esilwa esiti, ndiyakwenza i score ngoku nivoyika, ute emisa inyawo yeza eka Ogden icota, wakulula wayibeta yaqabela pezu ko Short- leg yasukelwa ngu Bong-leg wayibaniba *pluckily.* U-Foley no Mabope nabo babe kwanelo lishwa, u-Moli uke wazuza itamsanqa nge leg-ball ayitumele eluta-ngweni yamnika 4. Apela onke nge quarter to 6, enze 13. Apindile onelwa kupela kwexeha enze 11 kusafe matatu. Nase isikola kambe—intliziyo zisalila— asikafuni kuteta nto kwelihlazo lingeniswe ekaya.

PORT ELIZABETH C. C.

PIfiST IKKINGS.

H. M. Smith, b Ross 7
B. D. Godlonton, b Foley 2
P. Heugh, run out 47
E. Ogden, b Christian.....48
R. W. Stevens, b Christian 19
H. R. Giesen, lbw, b Christian ... 16
H. Webster, b Pezisa..... 5
E. Renny-Tailyour, c Klaas b Pezisa 0
H. Rowbotham, c Foly b Christian... 5
D. Vreede, b Pezisa 3
A. Wilmot, not out 5
Byes 15, leg byes 4, wides 4 ... 23

Total..... 180

NATIVES C. C.

PIRST INNINGS.		SECOND INNINGS.	
Mdana, b Ogdon ...	0	c Stevens b Heugh...	0
Klaas, c Rowbotham b Ogden	0		
Xiniwe, b Godlonton ...	3		
Swartboy, c Webster b Godlonton ...	0	not out	9
Pezisa, b Godlonton ...	0		
Ross, cGiesenbGodlonton	0		
Christian, c Smith b Ogden ...	4		
Foley, Giesen b Ogden	0		
Makwena, c Heugh b Ogden	0		
Morley, not out.....	4	b Wilmot	0
Mabope, c Webster b Ogden	2	c Orgden	2
Total 13		Total	11

Ezababaleli.

IMITETO EXZIMA.

Kimberley, March 6th 1885.

MHLELI — Kaundifakele lamazwana kwelopepa lako, kumhlana ndikukataza- yo.

Impato yabantsundu e-Dayimani apa tina sipile nzima, ngenxa yokusweleka komsebenzi. Singena singenile entolo-ngweni, ngenxa yeso sizatu somsebenzi. Kuba apa akunako ukufumana ipepa loku-funa umsebenzi xa ipelileyo iveki owaka wayinikwa mhla ufikayo. Ngako oko akunako nokuhamba esitalateni ufuna umsebenzi; kanti nokuba uhleli kulonda- wo uhlala kuyo amapolisa olika akutabate akuse entolongweni, apo wohlala inyanga usebenza nzima inyaniso ngokulusizi ukuba akunamali yokuzikupa. Uvanje kunconywa ubuninzi bababanjwa yiyo lonto akuko yimbi igqita leyo apa. Ubu- sela buko kodwa abagqite ababanjwa be pasi. Manditike lento indivisa ubuhlu- ngu entliziyweni, kuba abantu bakowetu betwala ezi tembile zimbi kunenenje nga- la malanga. Abantu bakowetu abalapo e-Koloni mabazi ukuba banomnqweno wokuza apa, lonto ndiyitetayo iyinene ngapandle kwentandabuzo. Ungade uti ngaxa limbi wakucinga uti u-Somandla usinikele umva; xa lamagwangqa ufika esintlokotisa, uti usiya kulontolongo ube use uyinto ebomvu kubetwa. Taru Rulumente! taru Mlungu! Ubusiti xa usibambayo ngapambili sinqena ukusebenza, namhla lonto ayinabunyaniso, bonke abamnyama bapongomele umsebenzi, kuba amalanga abafundisile ukuba mabahlukane nokunqena. Kunjalonje Mhleli kuko into yokuti apa Amamfengu, na Maxosa apuma e-Koloni makanganikwa msebenzi. Kuba kutiwa balumnkile. Ngumzali onjanina lo? onga angazala izidenge zo- dwa. Azaman' ukuti ukutuma abexeshe ngentonga, akabe ngonyawo. Au! ina- ndiyeke. Kodwa akuko mzali unjalo angatshoyo nabanina kulonto ndiyitetayo Mpindini intsundu yakowetu lomfo uligwangqa mfundeni kuba ngiimfo wa- semzini, kendide nditi mna uti ngoku usilumle kwelake ibele. Ubekala ngokuti masizimele ngezetu inyawo ngoku, oko besikasa wasifundisa ukuqingqa. Ngoku ukuba sesihamba, sesibona. Nantsoke into midaka, enikade nizilibazisile nisiti sinobaw'o u-Rulumente namana ukuzenza abantwana ngoku unilumle, uti ziboneleni ilizwe lipambi kwenu ntozakowetu kalokunje. Ke andinaqinga nam ngokwam ndingaunceda ngalo umzi wa-Kowetu kulento siyenziwayo lu Laulo, kodwa ndinetemba ukuba kwicala lakowetu elintsundu ako amadoda avela uhlanga angalixelayo iqinga lokutotobela pambili kwempi emnyama.

Ndiyatshonela apa, ndibulela kakulu ukuba woyifaka lemigcana.

TSHANANDA BOLILITYE.

a U-BISHOP E-GQILT.

